Ukuqonda

XA INTO ENCINCI
IKHOKELELA KWINTO ENKULU

Iimpawu Zakusekutsha Ezilumkisela Umhlaza Wasebuntwaneni

- Ingaba umane esiba nobushushu obungacacisekiyo?
- Ingaba ukubona kwakhe kuvele kwatshintsha ngesiquphe? (Ubumfama, ukudumba kwemehlo, into entsha yokuncwina amehlo okanye ukuba khona kwechaphaza elimhlophe elisweni.)
- Ingaba usoloko ediniwe yaye ebonakala ephatshile?
- Ingaba uyehla ngomzimba okanye ingaba uvele akabi nankanuko yokutya ngesiquphe?
- Ingaba unokugqithisileyo ukugruzuka, ukopha okanye irhashalala?
- Ingaba unomosuleleko ongafuni ukuphela?
- Ukhe waqwalasela iqhuma entlokweni yakhe, entanyeni, esifubeni, esiswini, ngakumalungu angasese, ezingalweni okanye emilenzeni, kumadlala okanye emakhwapheni?
- Ingaba amathambo akhe, amalungu, umqolo okanye imilenze idumbile yaye ibuhlungu kusini na?

- Ingaba umane rhoqo ebanentloko ebuhlungu nokugabha kwangentseni?
- Ingaba intloko yakhe inkulu ngendlela engaqhelekanga?
- Ingaba uziva enesicaphucaphu okanye agabhe engakhange abe nesicaphucaphu?
- Ingaba zikhona izinto azitsibileyo ekufanele ukuba sele ezenza ezenziwayo ziintanga zakhe okanye ingaba ubuyele umva akasakwazi ukuzenza izinto ezithile ngoku?
- Ingaba indlela aziphethe ngayo okanye enza ngayo izinto itshintshile kusini na?
- Ingaba ukulungelelana kwesimo sakhe okanye indlela ahamba ngayo itshintshile?
- Ingaba uhamba kakubi okanye ukhubeka lonke ixesha?
- Ingaba ukhe wophuka amathambo engakhange wabe ungqubeke ngamandla / wonzakele?

Funa uncedo lwezonyango lwazo naziphi iimpawu ezingapheliyo, ukubonwa kwento kusekutsha KUSINDISA ubomi...

Cupcakes 4 Kids with Cancer

NPC 2012/103028/08

Yiba yingelosi ye-cupcake
Eyona Ndlela Inambithekayo
YOKUSINDISA UBOMI

www.cupcakesofhope.org

Support "National Cupcake Day" -29/09/2018

Thank you to Perfect Language for the Xhosa translation